ISIFUNDO SESIKOLO
SESABATHA SABANTU
ABADALA



1 DANIYELI

Okuqulathiweyo

1	Ukusuka Ekufundeni Kuye Ekuqondeni - 28 Disemba – 3 Januwari	4
2	Ukusuka EYerusalem Kuye EBhabheli - 4–10 Januwari	12
3	Ukusuka KwiMfihlelo Kuse KwiNtyilelo - 11–17 Januwari	20
4	Ukusuka Eziko Kuse EBhotwe - 18–24 Januwari	28
5	Ukusuka Ekratshini Kuye Ekuthobekeni - 25–31 Januwari	36
6	Ukusuka Ekuziphakamiseni Kuye Entshabalalweni - 1–7 Februwari	44
7	Ukusuka Ezingonyameni Ukuya Ezingelosini - 8–14 Februwari	52
8	Ukusuka Kulwandle Olulwayo Ukuya Emafini Ezulu - 15–21 Februwari	60
9	Ukusuka Ekungcolisweni Ukuya Ekuhlanjululweni - 22–28 Februwari	68
10	Ukusuka Ekuvumeni (Isono) Ukuya Kwintuthuzelo - 29 Februwari– 6 Matshi	76
11	Ukusuka Edabini Kuye Ekoyiseni - 7–13 Matshi	84
12	Ukusuka Kulwandle Olulwayo Ukuya Emafini Ezulu - 14–20 Matshi	92
13	Ukusuka Eluthulini Ukuya Ezinkwenkwezini - 21–27 Matshi	100

Iofisi Yabahleli
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
http://www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Elias Brasil de Souza

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

UManejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-Crews

Ohlanganisa Konke ePacific Press®:
Wendy Marcum

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni
Mpumelelo I. Buwa

© 2020 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko esiphuma kwiGeneral, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo Conference of Seventh-day Adventists®. Iofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Iinguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo (Zimbini ezesiXhosa):

Eyokuqala: IZIBHALO EZINGCWELE: U'Hlaziyo lweNguqulo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo-magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lwesihlanu 2014.' [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].

Eyesibini: IBHAYIBHILE: Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996. Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwaloo ndima icatshulweyo.
Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma kwinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezesiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguqulwayo.
Ukusetyenziswa kwegama i"Bhayibhile" kubhekisa nakweyiphi inguqulelo, ngaphandle kwaxa libhalwe ngqo emva kwendima ecatshulweyo.

UDaniyeli, Umprofeti Wesiphelo

Ithe xa isithela inkulungwane yama-20 kuqala eyama-21, kwaphepheza eNtshona umoya wokulindela okuhle. Ngesayensi nobuchwephesha, uluntu lwalubheka phambili kwixesha elihle okwegolide, ikamva eliqhakazileyo nezinto ezintle xa imfazwe, indyikitya zokufa, nendlala ziya kuthi ekugqibeleni ziphele. Yayilithemba elo, phofu. Phofu, inkulungwane yama-20 yabonisa ukuba eli themba, alanelanga nje ukuphum' ecaleni kodwa libubudenge alinangqondo. Oku kunceda ekuchazeni ukuba kutheni, xa singena kwinkulungwane yama-21, yayingekho ingqondo yokulindela okuhle ngekamva elizayo.

Ngokwecala lehlabathi, umhlaba usabonakala udimele ngokwemo, umbi kakhulu, unika ithemba elincinane lokuba ungalunga. Abantu bakhangeleka bekekelele ekubaweni, kwingcinezelo, kubundlavini, ekulweni, ekucudiseni, nasekuzibhubhiseni ngoku njengoko babenjalo oomawokhulu kwiminyaka eyadlulayo. Ngelo xesha, izinto ezininzi kwinkqubela yobuchwephesha, nangona ngamanye amaxesha kubasebenzela kakuhle abantu, kuye kwanceda ekucudiseni, nasekuzitshabalaliseni.

Akukho nanye kwezi izinto emele ukusimangalisa, ngakumbi kukho neendima ezinjengezi zithi: "Intliziyo inenkohliso ngaphezu kweento zonke, isisifo esibi; ngubani na onokuyazi?" (Yer. 17:9) okanye "Kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani; kuya kubakho iindlala, neendyikitya zokufa, nezinyikimo zomhlaba kwiindawo ngeendawo" (Mat. 24:7). Kanti ke, phakathi kwako konke ukuphelelwa lithemba nentlekele, sinayo incwadi kaDaniyeli, esisifundo sale kota, incwadi elungelene twatse nathi baphila kwi"ayt qatz", "ixesha lokuphela" (Dan. 12:9). Konke oko kungokuba, kumaphepha angcwele kaDaniyeli, sinikwe ubungqina obunamandla, obunengqondo, obuluqinisayo ukholo, kungekuphela ekubeni sikholelwe kuThixo kodwa naseNkosini

uYesu Kristu nokufa kwaKhe emnqamlezweni, kwanesithembiso saKhe sokubuya nako konke okuqulathwe kuko.

Cinga ngale nto. Kwincwadi yonke kaDaniyeli (izahluko 2, 7, 8, 11), sinikwe, kuvela kuzo zonke iinkalo, ukulandelelana kwezikumkani, ngolu hlobo: iBhabheli, iMedi-Persi, iGrisi, iRoma, nobukumkani obungunaphakade bukaThixo emva kokuBuya kwesiBini. Kwindawo esibona sikuyo namhla, njengoko siphila, siyabona ukuba zonke izikumkani zomhlaba zifikile zadlula njengoko bekuxeliwe kwangaphambili. Okanye, kwimeko yeRoma, yafika kwaye isekho, okwangoku, njengoko uDaniyeli wabhala watsho. Iboniswe ezinyaweni nasezinzwaneni zikaDaniyeli 2:33, 41, yaye ibonakalaliswe isezizizwe ezahlukeneyo zaseYurophu, kwakunye neBandla laseRoma nalo. Ngoko ke, sinesiqinisekiso sesiprofeto seBhayibhile sisonke saye sizinzile ngaphezu kokuba wayenokwenza njalo ukubhala umntu owayephila ngexesha leBhabheli, okanye iGrisi, okanye nakwiintsuku zangaphambili zaseRoma.

Njengoko siphila kwixesha esikulo ngokwesiprofeto, siyakwazi ukubona ukuba uDaniyeli wachana xa ethetha ngazo zonke ezi zikumkani; ngenxa yoko, sinezizathu ezingaphezulu ukuba simthembe uThixo nangeso sinye ekuphela kwaso isiganeko esizayo: ubukumkani bukaThixo obungunaphakade, emva kokuBuya kwesiBini.

Kunjalo, incwadi kaDaniyeli ihleli inamandla, iqinisela ukholo, ngakumbi kuma-Adventists, athi afumane kumaphepha ayo iindima ezingunozala webandla lethu, ngakumbi uDaniyeli 8:14: “Wathi kum, Koda kube kukuhlwa, kusisa, okungamawaka amabini anamakhulu amathathu; yandule ukuhlanjululwa ingcwele” (NKJV). Le ndima ihambelana noDaniyeli 7:22, 26, 27, obonisa ukuba emva komgwebo omkhulu wasezulwini, “oxhasa abangcwele bOsenyangweni” ubukumkani bukaThixo obungunaphakade buya kumiselwa. Ngokungafaniyo nezikumkani ezimkayo ngokukhawuleza, izikumkani zomhlaba, bona buya kuma ngonaphakade.

Kanti ke, ecaleni “komfanekiso omkhulu,” sibona nje indlela anokusondela ngayo uKristu kuthi ngabanye. Ukususela kwiphupha likakumkani uNebukadenetsare ukuya ekuhlangulweni kukaDaniyeli emhadini weengonyma, incwadi isibonisa ubukho bukaThixo, okanye ukuba kufuphi kwaKhe kuthi; njengoko uDaniyeli wamxelelayo ukumkani okhohlakeleyo, uBheleshatsare, esithi, unguThixo “[e]kusesandleni sakhe ukuphefumla kwakho, onazo zonke iindlela zakho” (Dan. 5:23). Ngokufutshane, incwadi kaDaniyeli, isifundo sethu sale kota, ihleli iyinto eyayiyiyo ukubhalwa kwayo kumawaka eminyaka eyadlulayo: isityhilelo esinamandla sothando nesimilo seNkosi yethu uYesu Kristu.

UElias Brasil de Souza usebenza njengomlawuli weBiblical Research Institute at the General Conference of Seventh-day Adventists World Headquarters. Unesidanga iPhD ekugocagoceni iTestamente eNdala nokufunda ngoThixo asizuze eAndrews University.